


Fumana uncedo ngokukhawuleza! Tsalela ku-044 691 3722!

Tsalela **044 691 3722** ukufumana uncedo nakwesiphi na isehlo esingxamisekileyo. Bachazele igama lakho nedilesi yekhaya lakho uze uphendule imibuzo yabo.

Qinisekisa ukuba ikhaya lakho libhalwe inombolo ngokucacileyo ukuze iinkonzo zonedo zizokufika ngokukha wuleza kuwe.



Idilesi yekhaya lam yile:



- Xa kusitsha, kufuneka utsalele phi ukufumana uncedo?
 - kubamelwane bakho
 - emapoliseni
 - ku-044 691 3722
- Ingaba yonke ifemeli yakho iyayazi inombolo yesehlo esingxamisekileyo engu-044 691 3722?
- Ingaba uyibhalile inombolo u-044 691 3722 ecaleni kwefoni yakho apho wonke ubani anokuyibona khona?

Ewe Hayi

<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>

iiNkonzo zoMlilo noHlangulo eMossel Bayi

Ukhuseleko lobomi nomlilo luqala ekhaya



Bantwana abathandekayo

Ndingumcimi-mlilo onobuhlobo kuni kwaye le yinja yam uMax. Abantwana abaninzi benzakala ngumlilo kuyo yonke iminyaka. Nazi izinto **ezisixhenxe** ezibalulekileyo eziza kukunceda ukuba uzikhusele emlilweni...

Funda umyalelo ngamnye kule isixhenxe kunye nabahlobo bakho nefemeli yakho. Ncokola ngale mifanekiso uze uphendule imibuzo engasezantsi kwiphepha ngalinye.

Khumbula – ukhuseleko lomlilo nobomi luqalisa ekhaya – ngoko ke yabelana nabahlobo kunye nefemeli yakho ngoko ukufundileyo!



Nantsi indlela onokwenza ngayo umahluko:

- ❖ Xelela abantu abadala ukuba *imatshisi kunye nelayita* bazigcine kwindawo ekhuselekileyo – zingabonakali, zingafikeleleki kwaye zingabikho engqondweni yabantwana abancinane
- ❖ Funda indlela *yokuma uziwise* uze *uzibhuqa-bhuqe* kwaye *ukhase ezantsi ngaphantsi koms*. Fundisa le abahlobo kunye nefemeli yakho.
- ❖ Funda indlela yokupholisa isilonda sokutsha
- ❖ Dibanani nonke nefemeli yakho iphela nenze *izicwangciso zendlela yokubaleka* uze
- ❖ Uqinisekise ukuba uyayazi idilesi yekhaya lakho nendlela yokutsalela ku-044 691 3722 ukufuna uncedo xa kukho isehlo esingxamisekileyo.



IINKONZO ZOMLILLO NOHLANGULO EMOSSEL BAYI
Uqeqesho kwezomlilo nokhuseleko
Umnxeba: 044 691 3722 iFeksi: 044 691 1480



1

Gcina iimatshisi neelayita kwindawo ekhuselekileyo

Ukudlala ngematshisi kunye nelayita kuyingozi kuba umlilo omncinci kulula ukuba utshise ungalawuleki. Imatshisi nelayita kufuneka zigcinwe ngokukhuselekileyo - zingabonakali, zngafikeleleki kwaye zingabikho engqondweni yabantwana.

Ukuba ufumana imatshisi okanye ilayita, xelela umntu omdala ukuba azigcine kwindawo ekhuselekileyo.



?

1. Ingaba imatshisi nelayita zigcinwa endaweni engabonakaliyo, engafikelelekiyo kwaye azikho zingqondweni zabantwana ekhayeni lakho?
2. Ukuba akunjalo, ingaba ubaxelele abazali bakho ukuba mabazibeke endaweni ekhuselekileyo?
3. Ingaba uza kuxelela umntu omdala xa ubona umhlobo wakho edlala ngematshisi nangelayita?

Ewe Hayi

<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
--------------------------	--------------------------

<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
--------------------------	--------------------------


<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
--------------------------	--------------------------

6

Ukupholisa isilonda sokutsha!

Thatha amanyathelo ngokukhawuleza ukupholisa isilonda sokutsha. Sifake emanzini aphilileyo kangangemizuzu engama-20.

Xelela abazali bakho ukuba basebenzise amanzi aphilileyo bangaze baqabe isithambiso, ibhotolo, ioyile ,umkhenkce okanye intlama yokuhlamba amazinyo kwisilonda sokutsha. Ezi zinto ziya kusenza sibe sibi ngakumbi isilonda sokutsha.



Sipholise kangangemizuzu engama-20 isilonda sokutsha

?

1. Kufuneka wenze ntoni xa utshe esandleni:
 - a) sipholise emanzini aphilileyo isilonda sokutsha
 - b) yima,uziwise uze uzibhuqa-bhuqe
 - c) thambisa ibhotolo apho esilondeni
2. Ingaba ubafundisile abazali bakho ukupholisa isilonda sokutsha?

Ewe Hayi

<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
--------------------------	--------------------------

<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
--------------------------	--------------------------

<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
--------------------------	--------------------------

<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
--------------------------	--------------------------

5

Yima! Ziwise! Zibhuqa-bhuqe!

Xa impahla oyinxibileyo isitsha, khawuleza ucime amalangatye.



Yima musa ukubaleka.



Ziwise phantsi ukhusele ubuso ngezandla.



Zibhuqa-bhuqe ukucime amalangatye.

?

1. Kufuneka ume, uziwise phantsi uze uzibhuqa-bhuqe xa kutheni:

- a) xa impahla oyinxibileyo isitsha
- b) xa uzitshise isandla esitovini
- c) xa usiva isilumkisi somlilo


Ewe	Hayi
<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>

2. Ingaba uyifundisile yonke ifemeli yakho ukuma, ukuziwise ukunye nokuzibhuqa-bhuqa?

<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
--------------------------	--------------------------

2

Vukani! Fumanani isilumkisi somlilo!



Imililo emininzi yezindlu iqala ebusuku. Isilumkisi somlilo siza kukuvusa **ngaphambi** kokuba umlilo ungakwazi ukulawuleka. Ngoko ke vuka ufumane isilumkisi somlilo singasindisa ubomi bakho! Xa usiva isilumkisi somlilo, akukho kuchitha xesha... Musa ukuzama ukusindisa izinto zakho.

Phuma ngaphandle kwendlu uhlale ngaphandle!

?

1. Xa usiva isilumkisi somlilo, kufuneka wenze ntoni?

- a) Ubhuqa-bhuqe uphinde ulale
- b) Uphume phandle uhlale ngaphandle
- c) Usindise izinto zakho

Ewe	Hayi
<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>

2. Ingaba unaso na isilumkisi somlilo ekhayeni lakho?

<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
--------------------------	--------------------------


3. Ukuba akunjalo, ingaba ubacelile abazali bakho ukuba basithenge

<input type="checkbox"/>	<input type="checkbox"/>
--------------------------	--------------------------

3

Yenza izicwangciso zokubaleka

Abantu abaninzi bavaleleka emakhayeni abo xa kusitsha. Yenza izicwangciso zokubaleka. Qinisekisa ukuba ayinyanga indawo yokuphuma kwigumbi ngalinye, ukuze ube nokubaleka lula. Khetha indawo ekhuselekileyo yokudibana ngaphandle. Ziqhelanise nezicwangciso zokubaleka nefemeli yakho yonke.




?

- | | Ewe | Hayi |
|--|--------------------------|--------------------------|
| 1. Nizenzile izicwangciso zokubaleka umlilo ekhayeni lakho? | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 2. Ingaba ayinyanga indawo yokuphuma kwigumbi ngalinye? | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 3. Ingaba niziqhelanisile nezicwangciso zokubaleka nefemeli yakho yonke? | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |

4

Khasa ngaphantsi komsi

Ukuba kuqhambuka umlilo, kufuneka uphume phandle kwaye uhlale ngaphandle! Umsi **ushushu!** Ungabhubha ngokuphefumlela umsi ngaphakathi. Ngoko ke khasa ngaphantsi komsi xa ubaleka umlilo. Goba uze uhambe, uhambe, uhambe!



?

Khasa ngezandla namadolo. Musa ukugoba. Igesi eziyityhefu ziyatshona emgangathweni.

- | | Ewe | Hayi |
|--|--------------------------|--------------------------|
| 1. Xa kusitsha, kufuneka: | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| a) ubalekele phandle | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| b) ukhase ngaphantsi komsi | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| c) uphume phandle uhlale ungaphandle | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |
| 2. Ingaba ukhe waziqhelanisa ukhasa ngaphantsi komsi nefemeli yakho yonke? | <input type="checkbox"/> | <input type="checkbox"/> |